isithi uThixo wathumela uNyana wakhe (1 Yohane 1:4)?

Abanye bathi uThixo wadala uYesu waza emva koko wamnikela ukuba abethelelwe afe emnqamlezweni. Ezi ngcamango zingendawo zenza ukuba kubonakale ngathi uThixo ngumntu onomona ojonge isiqu sakhe sodwa, nomntu ongazange aziqongqothe ngokuncama uNyana wakhe okuphela kwakhe amzeleyo.

Kuxa simqonda kakuhle uYesu ukuba unguye uNyana kaThixo, uNyana wenene nenyaniso, neNtandane yakhe ephume esinqeni sakhe apho sinokuluqonda khona uthando lukaThixo. Siyabubona ubunzulu bothando luka Thixo, ngalento yokuba wancama uNyana wakhe waphatheka kabuhlungu, esifa emnqamlezweni, egcuma ziintlungu ngokwasemzimbeni nangokwasengqondweni nangokwasemoyeni. Wakwenza oku ukuze umoni ongento yanto akwazi ukuphila ngonaphakade. Utshaba lukaThixo nenyaniso, uSathana, wenze konke okusemandleni ukuba atshabalalise eyona nyaniso inkulu ehlabathini, inyaniso yothando lukaThixo kubantu. Singalubona njani olu thando? Olu thando silubona kuphela xa siqonda ukuba yayinguNyana wakhe, intandane yakhe esoloko isesifubeni sakhe, uNyana wakhe ekuphela kwamzeleyo awathi wamnikela ngenxa yethu. Kodwa uSathana uwalahlekisile amabandla namaKristu. Ukhokelele abantu ebekumele ukuba bayayikhusela le nyaniso ukuba bayitshabalalise, kwaye namhlanje amaKristu amaninzi afundisa ukuba nangona iBhayibhile isithi uYesu unguNyana kaThixo nqo, ayinguye nyhani uNyana kaThixo nje ngokuba iBhayibhile isitsho.
Icacile ke into ethi ukuba uYesu akangunye uNyana kaThixo, kodwa unguThixo gaqa, uSonini Nanini, loo nto iyakuthetha ukuthi ayiyonyani ukuba uYesu wafela izono zethu kuba iBhayibhile ifundisa ukuba uThixo akafi (1 Timoti 6:16).

**INTSUSA MABANDLA**

Malunga neminyaka eliwaka elinamakhulu asixhenxe eyadlulayo, ngo 325 A.D, iinkcuba-buchopho zabefundisi kunye neengqondi zebandla lamaKatolika aseRoma zahlangana kwindawo ekuthiwa yiNice kuxoxwa malunga nokuba ingaba uKristu nguye nqo ngenene na uNyana kaThixo. Elinye iqela labantu elalikhokelwa nguArius lagqiba ukuba uYesu akanguye nqo ngokuzalwa uNyana kaThixo kodwa wadalwa kuqala phambi kwayo yonke indalo. Elinye iqela elalikhokelwa nguAthanasius lagqiba ukuba uYesu akazange azalwe ngenene nguThixo uBawo, koko uYesu lo wayeyinxalenye kaThixo. UAthanasius yena wagqiba ukuba uThixo sisiqu esinye esenziwe ngamalungu amathathu abizwa ngokuba nguYise, nguNyana noMoya oyiNgcwele. Namhlanje kusekho amaKristu asatsheleyo kule nkolelo. Ngokubambelela kule nkolo bakhanyela into yokuba uYesu ngokwenene unguye uNyana kaThixo nqo ngentsobi yokuzalwa nguThixo gaqa. Kweli qumrhu lase Nice kulapho zonke ezingcamango zobuxoki malunga noThixo zaqala khona, kwaye ukusukela ngoko, ezingcamango zagcwalisa ingqondo neengcinga zamaKrestu amaninzi. Lifikile kuwe nje eliphepha asiyo mpazamo uThixo wenene nenyaniso ufuna wazi ukuba ukuthanda kakhulu. UThixo ufuna wazi ukuba uthando lwakhe ngakuwe lukhulu kuba ngulowo “ungamchonganga owakhe uNyana, wesuka wamnikela ngenxa yethu sonke,…” Roma 8:32. Ukuba uyakholelwa koku, okunene, uthando lukaThixo luzakubuguqula ubomi bakho. Uzakuba nobudlelwane noThixo wenyaniso kunye noNyana wakhe (1 Yohane 1:3) kwaye uyakubekelwa indawo ebukumkanini bakhe.


Ngolwazi oluthe kratya malunga noku, okanye ezinye iinyani zebhayibhile ezibalulekileyo, nceda unxibelelane:

Southern Africa -
**info@pioneermissionsafrica.co.za**
**www.pioneermissionsafrica.co.za**
**Tel: (+27) (0)79 470 3941 / (0)79 586 2787**



PMAT 001X

# NGOWUPHI UTHIXO



*“Wena uyakholwa ukuba uThixo mnye; uyatyapha; …”*
*UYakobi 2v19*

**IINGCAMANGO EZININZI**

Mnye qwaba jwii uThixo. Le yimfundiso ecacileyo yeBhayibhile (Marko 12:19 – 34). Kodwa ubusazi na ukuba phakathi kwamaKrestu kukho iingcamango ezahluka-hlukeneyo malunga nokuba ungubani na kanye uThixo, yaye bebangaphi? Xa sithetha izinto zenyani kukho oothixo abahluka-hlukeneyo abanqulwa ngamaKrestu nangona emnye kuphela phakathi kwabo onguThixo wenene nenyaniso. Abaninzi kuthi kungenzeka banqula uThixo wobuxoki, ukuba izimvo zabo ngoThixo ziingcamango ezingekhoyo ezibhalweni, zizingcamango eziyilwe ngabantu. Umbuzo nanku: Unqula owuphi uThixo? Ingaba unqula uThixo wenene nenyaniso, uThixo weBhayibhile, onguYise wenkosi yethu uYesu Krestu, okanye unqula uThixo ocetywe ngabantu ongachazwanga ezibhalweni? Masikhumbule ukuba abo banqula uThixo kufuneka bamnqule ngenene nangenyaniso (Yohane 4:24).

1. Okokuqala kukho inkolelo yokuba uThixo yitrinity. Le yinkolelo yamaKrestu amaninzi. Ngokwale nkolelo ekucaca ukuba ayinakuphikiswa, nebekwe ngabasemagunyeni ithi uThixo uziqu zithathu. Esinye isiqu kuthiwa nguYise. Esinye isiqu kuthiwa nguNyana. Esinye isiqu kuthiwa nguMoya oyiNgcwele. Zontathu ezi ziqu zenza uthixo omnye. Lo thixo ungunxantathu unamandla onke, nokwazi konke kwaye oko wabakhona kwasendulo, kususela emaphakadeni engunxantathu, zange azale nyana ngokwenene kuba akakho omdala kunomnye kwesisithathu siyalingana singuthixo omnye oziqu zithathu.

2. Okwesibini kukho inkolelo yokuba uThixo mnye kodwa uzityhila ngeendlela ezahlukeneyo nangamaxesha ahlukeneyo. Umzekelo kwitestament endala wayenguYise, waza wathabatha imo kaNyana (laa mntu mnye) xana uYesu wayelapha emhlabeni. Emva koko, wazijika wanguMoya oyiNgcwele. Le nkolelo yaziwa ngabantu abaninzi nje nge mfundiso ekuthiwa “NguYesu Yedwa.”

3. Okwesithathu, kukho inkolelo yokuba kukho iziqu ezikhulu ezintathu ezinegunya elilinganayo namandla, nabaphila ukusukela emaphakadeni. Bobathathu kuthiwa banguthixo, kodwa kuba bevumelana kwinto yonke kuthiwa banguThixo omnye. Ngokwale nkolelo aba bantu bathathu bagqiba kude kudaala ukuba omnye uzakudlala indawo kaYise, omnye adlale indawo kaNyana, omnye adlale indawo yoMoya oyiNgcwele.

4. Okwesine kukho inkolelo yokuba uThixo ngumntu omnye, kwaye lo mntu mnye nguYise yedwa. Kwaye kuthiwa uYesu Krestu wadalwa nguThixo kwakude kudaala waza wabekwa nguThixo phezu kwayo yonke indalo. UMoya oyiNgcwele wona kuthiwa ngamandla kaThixo.

Ingaba zoonke ezingcamango ziyinene? Hayi khona. Icacile into yokuba aba bantu banqula oothixo abohluka-hlukeneyo. Ingaba ke lena yinto esinokungayihoyi nesinokuyithabatha lula? Ukuba sisabiza igama elithi "Thixo", size sizame ukwenza okulungileyo, iqale yayintoni into esikholelwa kuyo? Okwenene isichaphazela ngamandla into esikholelwa kuyo. Kukho ingcamango ekhoyo namhlanje ehlabathini yokuba umntu angakholelwa nasentwenini na, kodwa abize nje igama likaThixo. Le yingcamango yobuxoki kwaye ibeka abantu engozini. Ibhayibhile isifundisa ukuba abantu abangayithandiyo inyaniso bazakukohliswa balahlekiswe bakholelwe ubuxoki. Kuba bekholelwa ebuxokini bazakugwetywa batshatyalaliswe (2 KwabaseTesalonika 2:10 – 12). UYesu wathi yena ngokwakhe: "Obu bubomi obungunaphakade ukuba bakwazi unguThixo wenyaniso ekuphela kwakhe noYesu Krestu omthumileyo." Yohane 17:3. Singamazi njani uThixo ukuba asimazi lo sithetha naye xa sibiza igama likaThixo. Xa sibiza igama likaThixo ingaba sithetha ukuthini?

1. Ingaba sithetha ngabantu abathathu abangumntu omnye?
2. Ingaba sithetha ngomntu omnye osebenza ngeendlela ezintathu?
3. Ingaba sithetha ngabantu abathathu abadlala iindawo ezintathu?
4. Ingaba sithetha ngomntu omnye nonyana odaliweyo?

Sikhankanye iingcamango ezine, iyileyo yahlukile kwenye, kodwa akukho nenye kwezo echaza imfundiso enyanisekileyo yeBhayibhile malunga noThixo.

## UTHIXO WENYANISO

Lithetha ukuthini igama elithi "Thixo"? Eli gama lithetha nayiphina into eyongameleyo nenqulwayo. Kodwa iBhayibhile isifundisa ukuba kukho uThixo omnye, kwaye loThixo ngoyena mntu mkhulu ehlabathini lonke. Zonke izinto zivela kuye, Amandla onke ngawakhe, unguMlawuli ophezu kwako konke. Ngubani lowo? NgokwaseBhayibhileni lowo nguThixo uYise kuphela.

- UYise wabo bonke, ophezu kwabo bonke, okubo bonke, ophakathi kwenu nonke. KwabaseEfese 4:6

- Kuthi thina mnye uThixo, uYise, eziphuma kuye izinto zonke; nathi sikholo yena. Inye iNkosi, uYesu Kristu, ezingayo zonke izinto; nathi singaye. 1 KwabaseKorinte 8: 5, 6.

UThixo omkhulu uYise unoNyana. Kwimihla yamaphakade asendulo uThixo uYise, wazala unyana, uNyana ofana naye. UNyana ungumcephe ucandiwe noyise, nentsobi yakhe nguyise ehleli, bagazinye noYise. Lo Nyana akazange adalwe. Lo Nyana wazalwa. Xa kudalwa kwenziwa into ngenye into ephathekayo, njengokuba uAdam wenziwa ngothuli lomhlaba. Ukuzalwa kona kuthetha ukuba uphuma okanye uvele kulo ukuzeleyo, lonto ithethe ukuthi ubume bakho bufana nqo nalo ukuzalayo, unjalo uYesu, uzelwe nqo nguYise lonto yamenza wafana nqo naye ngokwendalo nobume bakhe, kuba engunyana ka Thixo.

## UNYANA KATHIXO

UNyana kaThixo wayefana nqwa noYise bengumceph' ucandiwe benendalo engcwele nenyulu. UThixo wawanikela kuNyana wakhe amandla onke negunya lonke, kwaye uThixo wadala yonke into ehlabathini ngalo Nyana unguYesu Krestu (Bona kumaEfese 3:9 nakumaHebhere 1:2). Incwadi yemizekeliso isibalisela ngokuzalwa kukaNyana kaThixo nobudlelwane obabukho phakathi kukaThixo NoNyana phambi kokuba kudalwe ihlabathi.



Nangona incwadi yeMizekeliso ibhekisa kuye nje ngoBulumko, icacile ukuba nguNyana kaThixo lo kuthethwa ngaye. Masiyiqonde kananjalo into yokuba kumaKorinte okuqala 1:24 uKrestu ubizwa ngokuba ububulumko bukaThixo.

*UYehova wandivelisa ndaba yintlahlela yendlela yakhe,*
*Ndaba ngowamandulo emisebenzini yakhe yakudala.*
*Ndamiswa kwasephakadeni, kwasentloko,*
*Kwasemandulweni ehlabathi.*
*Ndazalwa kungekabikho manzi anzongonzongo,*
*Kungekabikho mithombo inzima ngamanzi.*
*Ndazalwa kungekafakwa ntaba,*
*Naphambi kweenduli;…*
*Ekulilungiseni kwakhe izulu, ndandikho apho;*
*Ekubuzungulezeni kwakhe ngomda ubuso bamanzi anzongonzongo;…*
*Ekulumiseleni kwakhe ulwandle umda walo,*
*Ukuba amanzi angawugqithi umthetho wakhe;*
*Ekuzimiseni kwakhe iziseko zehlabathi:*
*Ndaye ndinaye, ndiyingcibi yomsebenzi,*
*Ndiziyolisa ngokwam iimini ngeemini;*
*Ndidlala phambi kwakhe ixesha lonke,*
*Ndidlala kwelimiweyo ihlabathi lakhe;*
*Nokuziyolisa kwam kukoonyana babantu.*

Imizekeliso 8:22 – 25, 27, 29 – 31

UYesu ngokwakhe usixelela ukuba uzelwe nguThixo. Uthi "Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe ekuphela kwamzeleyo." Yohane 3:16.

Lo Nyana kaThixo, uYesu Krestu nguye lo uthunywe nguThixo ukuba azokufela abantu ezonweni zabo. Nguye lo wayesebumeni bukaThixo (KwabaseEfese 2:6), wazihluba wathabatha ubume bomkhonzi, akathi ukulingana kwakhe noYise kulixhoba. Wazithoba wangcikivwa, wabethwa, wabethelelwa emnqamlezweni, wanyamezela ukohlulwa kuYise ukuze thina boni sibenobomi. Lo wanikezela ngobomi bakhe yayingunyana kaThixo, wayekwimo kaThixo kuba wazalwa nguThixo. Hayi ukumangalisa kweendaba zokuba yayinguNyana wakhe oyintanda awathi wanikela ngaye, uNyana ophuma kuYise (Yohane 1:18).

## IINYANISO EZIMBINI EZIYIMFUNEKO

Kukho iinyaniso ezimbini ezidibene necebo losindiso. Ezi ziinyaniso ekufuneka sizikholelwe ukuba sifuna ukusindiswa.

1. Eyokuqala kwezinyaniso yinyaniso yothando olumangalisayo luka Thixo ethanda abantu abangaboni. Olu thando lukhulu kangangokuba uThixo wanikela ngoNyana wakhe ukuba afele aboni.

2. Inyaniso yesibini yeyokuba uKrestu wafa ukuze kuhlawulwe ityala lezono zethu. UKrestu akazange enze ngathi ufile. UYesu wafa okwenene.

Ngoku ke imfundiso efundiswa ebuKrestwini yeyokuba uYesu Krestu wayengenguye nyhani uNyana kaThixo. Abanye bathi uKrestu lo akazange azalwe nguThixo koko wayenguThixo yena. Abanye bathi wadalwa nguThixo. Zonke ezi ngcamango zobuxoki zingqubana nezinyaniso sigqiba kuzikhankanya apha ngasentla.

## UBUNGQINA BOTHANDO LUKATHIXO

Kungenxa yokuba uThixo ethanda mna nawe nje ngokuba enikele ngoNyana wakhe nje ukuba afe aphatheke kakubi. Yababuhlungu intliziyo kaThixo ejonge uNyana wakhe esifa emnqamlezweni, kodwa wandithanda, wakuthanda kangangokuba wanikela ngento eyayinexabiso kakhulu kuye, uNyana wakhe nekuphela kwakhe, ukuze sibenobomi. Ngokuqinisekileyo siyayibona into yokuba uThixo uyasithanda nyhani. Kutheni ke le nto amaKrestu efundisa into yokuba uYesu ayinguye uNyana kaThixo kodwa wasoloko eyinxalenye yoothixo abathathu abalinganayo ngamandla nangegunya? Ingaba iyaxoka iBhayibhile xa